# UZAMAZAMISEKO LO MHLABA

Umbhali : Edith Kriel
Umzobi : Bernice Miya
Isihloko : Unganikezeli xa umthwalo unzima zama iindlela kanye ngexesha
Iminyaka : Esibhozo nangaphezulu



Ngenye imini kudala kwakukho indoda eselula egama lingu Tebogo, oko kuthetha "Siyabulela " ngesi tswana, enye yelwimi zase Mzantsi Afrika.

Abazalibakhe babevuya kakhulu ukuzalwa kwakhe! Wakhulu engumntwana owomeleleyo,ethobekile enobubele.

Wayesenza izinto ezilungileyo esenzela abantu besosixeko apho wayehlala khona.

Abantu babemthanda ununzi lolutsha lalujonga kuye lunqwenele ukuba nguye.

Ngaminazana ithile ubumnyama bafika phezu kwesosixeko emva kwemini.

Umhlaba wazamazamiseka ngamandla wavuleka kubini, Izindlu zabantu zawa phantsi nemithi yophuka yaphuma neengcambu.

Ngephanyazoukuqhekeka okukhulu kwavuleka emhlabeni apho uTebogo wayemi khonawaze wawela Phakathi.

Wazifumana ephakathi ngaphantsi kobo bunzulu bobumnyama bomngxuma.Waye bambeke Phakathi kwamatye, kukho uthuli oluninzi engakwazi nokuphefumla.

Wavala amehlo,enethemba lokwenza wonke lomonakalo nale ngxubakaxaka iphele – kodwa uthe xa evula amehlo wayesabambekile.

Wayehleli apho ebambekile ixesha elide ekulomothuko.

Iingcing zika Tebogo: "Ndiyindoda eyomeleleyo enamandla enezigalo( imithambo) ngokuqinisekileyo ndingazinyanzela ndiphume kulomngxuma."
Iiyure ezine etyhala ethyiliza,aphumle kancinane



aphinde atyhilize atyhale kwakhona,kodwa ilitye ngaphezulu kunzima nokuba lishukume.

Ugqibele ngokuba adinwe  iingalo nemilenze yakhe ibisopha( iphuma igazi).

Ulele phaya uyacinga: "Ndomelele kodwa andomelelanga ukuba ndingaphuma apha. Ndiyazi ukuba angekhe ndiphinde ndilibone ilanga kwakhona,. Ndizokufela khona apha.''



Ngelixesha uTebogo eleli aphoelindele ukufa kwakhe,wakhumbula ngenkosikazi owayehlakaniphile engowase lalini nebali awakhe wambalisela lona.

Umxholo welibali wawusithi:
"Ayingomandla endoda anokuyisusa intaba, kodwa ngamandla omphefumlo akwaziyo ukuyisusa intaba ngelitye elinye ngexesha."

UTebogo ngalo lonke ixesha wayesebenzisa Amandla akhe ukuphumela kwizinto kodwa  wathi akuqala ukuliva elibali ,wayecinga okokuba lenkosikazi iyaphambana.

Ngoku, ngokulala Phakathi emhlabeningokukhawuleza uwuqondile umyalezo welibali.

Bekungalunganga ukuzama ukududula wonke amatye ngexesha elide njengokuba ebesenza.

Ayikho indoda ibiyomelele ukwenza lomsebenzi, kodwa ukubaibincothule ilitye ngalinye ngexesha?kanjalo ke uTebogo waqalisa ukusebenzisa amandlaukususa iltye ngalinye ngexesha.

Ilitye elinye ngexesha,njalo njalo esezanjalo.

Ngalo lonke ixesha eziva engakwazi ukuqhubekeka, ebekhumbula amazwi wenkosikazi ehlakaniphileyo.

Kuthathe iiyure ezinzima zokubeleka ngaphambi kokuba uTebogo alibone ilanga phezu kwentloko yakhe. Unamatye amaninzi ekufuneka ewasusile, kanye ngexesha,kodwa wayesazi ukuba umphefumlo wakhe uyoyisile ingxaki.

Uzokuphinda  aphile asibone isibhakabhaka kwakhona.

